

MATSHI 2013

P.O. Box 20  
Hermanus 7200

Telephone	028 313 8000	Fax	028 312 1894
Hermanus	028 384 8300		028 384 0241
Gansbaai	028 271 8400		028 271 4100
Kleinmond	028 341 8500		028 341 0445
Stanford			

24 Hour Emergency	028 313 8000/8111
Fire Brigade	028 312 2400

# Bulletin

*Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni*

## IQALILE IPROJEKTHI YEZINDLU YASELUXOLWENI IINDAWO ZAMATYOTYOMBE ZIPHUCULIWE UKUBONELELA NGEZINDLU ABO BANGENAZO

Umsitho wokuguqula isoyi kwindawo yokuphucula izindlu kumatyotyombe aseLuxolweni kufuphi nePearly Beach uqhube ngomdla omkhulu woluntu ngoLwesithathu umhla we-13 Februwari.

Usodolophu uNicolette Botha-Guthrie uye wathatheka kakhulu ngumculo kangokuba uye wangenelela wadlula naye namanenekazi asekuhlaleni, imbongi ivakalise ukufika koMphathiswa weZezindlu weNtshona Kapa umnu. Boginkosi Madikizela.

Le projekthi ihamba phambili kwinkqubo entsha kaMasipala weOverstrand yokusebenza ngamagama akuluhlu lwabalandele izindlu ngokwesicwangciso seminyaka esibhozo sobonelelo ngezindlu esiza kujolisa ekuboneleleni ngeziza esele zinezibonelelo zeenkonzo. Iindleko zale nkqubo ziqikelelwa kwizigidi ezingama-R894.

Intsebenziswano yabantu baseLuxolweni imangalise wonke umntu kuba onke loo matyotyombe ayemi kumhlaba ekuza kwakhiwa kuwo ayesele esusiwe kwiintsuku nje ezilishumi.

Zingama-211 iziza ezinezibonelelo zeenkonzo eziza kufumaneka kusakugqitywa. Asingabo bonke abaza kuzifumana ezi ziza kodwa bonke baza kufumana ilungelo lomhlaba, ukhuseleko olungcono neemeko zempilo eziphucukileyo namathuba okuxhotyiswa ngokuphathalele kubumnini bomhlaba, utshilo uSodolophu.

Woleke wathi bonke abaza kuzuzwa sele beqatshelwe kwaye nesikhokelo sokuthatha inx-



**oceba kunye nabantu abadlale indima babonise omkhulu umdla kwinkonzo ebucala yokuguqulwa kwe soyi (sod turning) apho u Mphathiswa wezezindlu uMnu Bonginkosi Madikizela ancediswa ngu Sodolophu uNicolette Botha-Guthrie.**

axheba sele kuthathwe isigqibo ngaso. Abantu ababengamkelwanga ngaphambili ngenxa yemivuzo yabo engaphezulu kommiselo okanye intloko yekhaya ingumntwana ekungenakusayinwa sivumelwano naye okanye abo babenezindlu ngaphambili kule inkqubo baza kuncedwa.

Ngokukanks.Botha-Guthrie umasipala uye wazibophelela kulo mbono wokubonelela ngophahla phezu kwentloko yomntu ngamnye kwaye amanyathelo abalulekileyo sele ethathhiwe ukuphucula ukunikezela nokulawula izindlu.

Ngokukavimba weenkukacha zobonelelo ngezindlu ekupheleni kukaDisemba 2012 iintsapho ebezifuna izindlu bezingama-6 321 kwaye bekukho amatyotyombe angama-3409 kule ndawo. Umasipala ufumene izigidi ezingama-

R35 zeeprojekthi zokwakha izindlu ngowama-2013/14 kwaye le mali iza kusetyenziselwa ukubonelela ngama-460 eziza ezinezibonelelo kwakhiwe nezindlu ezingama-333 kuyo yonke le ndawo kamasipala.

Umntu. Madikizela uyicacisile into yokuba semva ngokuxhomisa amehlo kukazwelonke neNtshona Kapa kubonelelo ngezindlu kwaye nezibonelelo ziwa phantsi kakhulu kuneemfundo. Okuhamba noko kukusilela okukhulu kubonelelo ngobuxhakaxhaka. Abacwangcisi kufuneka basebenze ngobuchule ukuze bakhawulelane neemfundo kwaye zonke ezi zinto zingafezekiswa ukuba kungakho intsebenziswano yomntu wonke.

Ezopolitiko kufuneka zingangeni njengoko iiprojekthi ezininzi zingahambeli phambili ngenxa yokulwa kwamagela ahlukeneyo.

Unks. Buseka Jonas ethetha egameni loluntu uthe imingeni abajongene nayo icace gca kodwa bafuna ukubaqnikisekisa abasemagunyeni ukuba iiprojekthi yaseLuxolweni iza kuba yeyona iphambili eyakha yakho. Kananjalo uvakalise ithemba lokuba le projekthi iza kudadla amathuba emisebenzi kubo kwaye bazimisele ukusebenzisana nomntu wonke ukuqinisekisa impumelelo.



**uSodolophu ungenelela kumxhentso wesintu**



**izimuncumuncu zonwatyelwa ngabobonke emveni komsitho**



**indawo ezakwakhiwa icocwe ngokwexesha ebelimisiwe**

# IYURE YEHLABATHI NGOWAMA-2013

Minyaka le ehlabathini kubhiyozelwa iyure yehlabathi ngomhla wama-23 Matshi ukususela ngeyama-20:30 ukuya kweyama- 21:30 ngokwexesha lethu. Oku kukhumbuzisa abantu ukuba izinto ezenziwa ngabantu ingakumbi ukusetyenziswa kombane kunegalelo elikhulu ehlabathini ingakumbi ekuqukukeni kwemozulu.

Kulo nyaka iOverstrand iza kuba yinxalenye yentshukumo yehlabathi

yeYure yeHlabathi. I-Whale Coast Conservation incedisana noMasipala neBhunga labatsha likamasipala- aiza kuququzelela umsitho wokonwabisa oza kuba seMarket Square phambi kweWhale Museum.

Ngokungafaniyo neminye iminyaka apho sasicelelwa ukuba sizicime ithuba leyure izibane kulo nyaka siza kuzilayita. Ewe, ilungile loo nto! Siza kubakhuthaza abantu baseOverstrand ukuba batshintshela kwizibane iLED eziwusebenzisa kancinci umbane kangangokuba singabinasazela xa sikhanyisile.

Ukubonisa into esiyithethayo siza kukhanyisa umnenga. Njengoko ezinye zisafudukele ezantsi kuya kunyanzeleka ukuba ibe ngulo uphambi kweWhale Museum. Ukubonisa okuhle siza kuzikhanyisa nee-museum ezimbini eziseMarket Square. Sibongoza onke amashishini angekabinazo izibane iLED ukuba azicime izibane zawo ithuba eliyiyure ebonakalisa ukukhathalela okusingqongileyo nokuxhasa ukukhanyisa ukuba kubukeke.

Ukongoza kulo mbono wolonwabo kuza kuba kho iintombi ezidaniayo. Ewe, siyazi ukuba iStoemers ziza kube zitshawuza zidlala neeBrumbies eNewlands ngobu busuku, ngako oko um-



culo nomdaniso uza kuqala emva komdlalo. Ayikho indlela engcono yokubhiyozela impumelelo yeStoemers neyehlabathi!

Zisakuphela zonke iziyolo siza kukhumbula ukuba "Yonke iyure yiYure yeHlabathi".

## OPHAMBILI KWIMBASA I-KAMOSO



UMasipala weOverstrand uqatshelwe ngokubalasela ekusebenziseni inkqubo enatyiweyo yezemisebenzi yoluntu (EPWP) ngonyaka-mali 2011/12. Injongo yale nkqubo kukubonelela ngamathuba awongezelelekileyo emisebenzi kwixesha elifutshane kuye kwelide kudityanisiwe noqeqeshelomisebenzi. Ukukhuthaza ukuthatha inxaxheba kule nkqubo kwaziwe iKamoso Awards ngowama-2007 ukuvuza imibutho yoluntu nemibutho engekho phantsi kukarhulumente encedisa kwimpumelelo yale nkqubo. UMasipala weOverstrand ungene ngeprojekthi yokulungisa imibhobho yamanzi (Mechanised Water Pipe Replacement) yaza yatyunjwa njengekuluhlu lokuphumelela kwiqela lowama-2011/2012. Abebekho kunikezelo-ziqinisekiso kwibhunga kwintlanganiso eyodwa ngomhla wama-23 Janyuwari ukusuka ekhohlo ibinguMphathi kaMasipala, umnu. Coen Groenewald, uMlawuli woPhuhliso lweZoqoqosho, umnu. Solomzi Madikane, uSodolophu obambeleyo uCebakhulu uPieter Scholtz, noMlawuli oYintloko we-EPWP, umnu. Richard Petersen.

## KUFUNKA INTSEBENZISWANO KWIINKONZO EZIZIZO ZOTHUTHOLINDLE

Iindawo ezininzi zaseOverstrand azinxibelelekanga nemibhobho yogutyulolindle ngako oko abahlali abaninzi basebenzisa inkonzo yenqwelo yothutholindle ukugutyula izindlu zangasese kwimizi yabo. Le nkonzo ixakeka kakhulu ngexesha leeholide kuba abantu balinda ixesha elide phambi kokufaka isicelo sale nkonzo ngaloo ndlela babe kwimeko embi de babe sezintlonini.

La macebiso alandelayo anganceda kwizicwangciso ezingcono:

- Abahlali babafake izicelo zabo ubuncinane usuku phambi kolo balufuna ngalo uncedo. Oku kuya kunceda abaphathi benze izicwangciso ngendlela eya konga ixesha namafutha eenqwelo.
- Ngenxa yohlobo lwenkonzo akukho lula ukunikela ngenkonzo ngexesha elimiselweyo. Kungakho ukulibaziseka ngokulula ingakumbi ngeempelaveki ezinde nangexesha leeholide zezikolo.
- Abasebenzi benqwelo yothutholindle baqala ekuseni ukusebenza basebenze de iqine imini kodwa xa izinto zihamba ngendlela akukho zinqwelo ziya kukhutshwa phambi kweye-05:00 okanye emva kweyama-24:00.
- Abasebenzi benqwelo yothutholindle ngalo lonke ixesha mabakwazi ukufikelela kwimibhobho yokutsala ilindle. Abaninimizi mabaqinisekise ukuba iindawo zokufunxa zikumda wenxiwa kweli cala likufuphi esitalatweni.
- Ukuba abasebenzi bothutholindle abakwazanga ukusebenza ngenxa umninimzi ebaxelele ukuba bahambe okanye ngenxa yokuba indawo yokufunxa ingafikeleleki umninimzi uza kuhlawula imali yokubiza inqwelo. Xa usenza isicelo zivelise iingxaki ekunokudityanwa nazo xa kuyiwe emzini wakho.
- Abaninimizi bayacetyiswa ukuba bawajonge amaxabiso abo ogutyulolindle ukuze ukuba oko kuyabanceda batshintshela kwintlawulo yamaxabiso amanzi nto leyo eya kubenza bakwazi ukucela uncedo lwarhoqo lwenqwelo yokuthutha ilindle ngexesha lomsebenzi bengahlawuliswanga imali eyongezelelekileyo.

## INGXELO YONYAKA EQULUNQWAYO EXOXWE NGOWAMA-23 MATSHI

Ingxelo yonyaka equlunqwayo kaMasipala weOverstrand yowama-2011/12, ebingeniswe ngoLwesibini umhla wama-23 Janyuwari 2013 kwintlanganiso eyodwa yeBhunga iza kuqwalasela inezimvo ezifumene ngethuba ithunyelwa kuluntu kwintlanganiso eza kuba ngomhla wama-27 Matshi 2013. Le ntlanganiso iza kuvuleleka kuluntu ngokubanzi.

Enye yeenkwenkwezi zale ngxelo kukuba umasipala ufumene ingxelo yophicotho-zimali engenakhwiniba lo ingunyaka wesithandathu ilandelelana.

Ingxelo yonyaka lithuba lokuzijonga kukamasipala ejonga ukuba usahamba kakuhle na. NgokukaCebakhulu uPieter Scholtz, uSodolophu oBambeleyo ngelo xesha lengxelo, "ingxelo yonyaka yombutho ibaluleke kakhulu kwaye iyawunceda ukuba ukhangele indlela kwimihadi nemiqobo, uzibekela amaqanaba okusebenza uziphucula."

Uhlabo ikhwelo kubo bonke abachaphazelekayo ingakumbi abahlawuli-zirhafu nemibutho yoluntu ukuba isebenzise olu xwebhu inike umasipala ingxelo, yenze izindululo namagqabantshintshi njengoko neBhunga lihlaziya isicwangciso sophuhliso oludibeneyo (IDP).

Le ngxelo ifundeka ngokulula kwaye kulula nokuyisebenzisa isafumaneka kwisikhundla sewebhu sikamasipala ku: [www.overstrand.gov.za](http://www.overstrand.gov.za) nezisephepheni ziyafumaneka ezi-ofisini nakumathala eencwadi.

## ITSHATSHALI ENTSHA EQONGENI



U-LUKAS VONDRACEK ominyaka ingama-25 owazalelwa eCzechoslovakia, owaphumelela ukhuphiswano lwepiyano lwe-12 lwehlabathi, okukhenketho eMzantsi Afrika uza kudlala umculo eHermanus Auditorium emva kwemini ngeCawe umhla wama-24 ngeye-15:15. Ungaphoswa leli thuba lokuphulaphula intshatshali esaze ngobuso ehlabathini eyaqala ukudlala umculo ineminyaka emi-4! Uza kudlala umculo wepiyano i-Op 118 oqanjwe nguBrahms; iPiano Sonata No 4 Op 30 nguSchubert; i-Variations on a Theme of Corelli; iOp 42 nguRachmaninoff; u2 Nocturnes nguChopin; neThree Czech Dances nguMartinu. Zibekela indawo ngokufonela iBELLINI ku-028 312 4988. Itikiti li-R100 (ama-R50 kubafundi). Xa ufuna ingcaciso eyenye fonela umabhalana uRené du Plooy ku-082 940 4238.

